

UHLELO 2 ISIGIDIMI SEENDABA
2026


# IKHAYA ELIKHUSELEKILEYO, LOLONWABO LABANTWANA BASEADELAIDE




Sinebhongo ngokwabelana ngokunikezelwa ngokuyimpumelelo kohlaziyo lweChildren's Home of Hope eAdelaide. Le projekthi ivelise uhlaziyo olululo kweli khaya, ukuquka iifasilithi eziphuculweyo nokongezwa kwamacandelo amabini amatsha eziseko.

Okubaluleke ngakumbi, eli khaya ngoku lifikelela ngokulula emanzini nasembaneni, kwiinkonzo ezisisiseko ebezingekho ngaphambili. Olu tshintsho luguqule ubomi bemihla ngemihla babantwana abali13 nabanakekeli babo, kudalwa imekobume ekhuselekileyo, yolonwabo nenesidima.

*"Le nkxaso idlulele ngokungaphaya kweziseko. Inceda ekudaleni indawo apho abantwana bathi bakhule, bazive bekhuselekile, baze bafumane ukhathalelo abalufunayo. Iprojekthi le ibonakalisa ukuzinikela okuqhubekayo ukuphucula iimeko zokuphila zoluntu olusesichengeni nokwenza izisombululo ezenza umahluko ongapheliyo."* – Tandaza Teka, uMsebenzi oQeqeshiweyo weNtsebenzo yeNtlalontle (Social Performance Practitioner) weCookhouse Wind Farm.




## UKUXHASWA KWAMASHISHINI ENGINGQI NGOKUTYELELWA KWENDAWO

Njengenxenye yokuzinikela kwethu ekuxhaseni amashishini engingqi, iQela leNtsebenzo yeNtlalontle lethu kutshanje lityelele iiSMME ezisibhozo jikelele eAdelaide, eBedford, eCookhouse kunye naKwaNojoli.

La mashishini asebenza kumacandelo anje ngawolungiselelo lokutya, ukwakha, ulawulo lwenkunkuma, ukufakelwa kombane kunye nenkxaso yezemfundo. Kwezo zihlandlo zotyelelo kwaqhutywa uthotho lwamacweyo oqeqesho athe anceda abanini bamashishini ukuba baphucule ukuthobela, ukuquka nokubhaliswa kwenkampani, irhafu, kunye neemfuno ze-BBBEE. Injongo yezi zihlandlo zotyelelo yayikukuqonda ngokungcono ishishini ngalinye, imingeni yalo, namathuba okukhula kwalo. Ngokuxoxa ngqo noosomashishini, saye sakwazi ukuba neengxoxo ezizizo malunga nofikelelo kwiimakethe, kwizimali kunye nemisebenzi yemihla ngemihla.

Ezi ngqiqo ziza kusinceda ukuba sinikeze inkxaso ekujoliswe kuyo ukuya phambili, kuqinisekiswa ukuba amashishini engingqi axhotyiswe ngokungcono ukuba akhule, kudalwe imisebenzi kuze kufakwe igalelo kuqoqosho kwengingqi.



NXULUMANA NATHI: ☏ +27 21 670 1400 www.cookhousewind.co.za tandaza.teka@anthem.co.za @Cookhousewindfarm